# IMVO ZABANTSUNDU

*(NATIVE OPINON)*

*Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, AUGUST 24, 1887. [No. 146.



# DYER&DYER

## ABA MBESI

## BENTLOBO ZONKE ZE NGUBO

## Bafikelwa zimpahla ezintsha ngo stemele bonke abafikayo. Ezi mpahla niya kuzi fumana Zizezona

## ZITSHIPU ENTENGISWENI

Xa uhambele e Qonce yiti gxada kuleyo ndlu inkulu ye Ngubo yo

# DYER & DYER

Pambi kokuba utenge kwezinye izindlu.

Ndalamba, Ndapel' Isoya



## PEARCE & BROWN,

Abatengi bezi Limo, nezi Kumba,

Betengisa yonke into

EMGOMANZI.

Sine ntlobontlobo ezinyulwe kakuhle zabantu base Sikolweni neza Maqaba.

Impahla yetu siyi tengisa ngamanani apantsi ukwe- nzela lamaxesha sikuwo.

Sine Bhokuva ezine ezintsha, nenqwelo ezisixenxe eseke zasebenza esizi tengisayo, nezi nokuqeshwa.

Kuko umkandi wenqwelo apa, umsebenzi awenzayo ufezekile, kanjako ubiza imali epantsi kanye.

YIZANI KUZIBONELA, KWA PEARCE AND BROWN

Umgomanzi, Pesheya kwe Nciba.



## GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL-ASSORTED STOCKS OF

## Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE

PAINTS, OILS, AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c.— for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS

## GEO. B. CHRISTIAN & CO



FOLOKOCO!

## BANTSUNDU! BANTSUNDU!

" Especially " abanga pandle Yizani kudlisa nityebise amehlo enu kule nkumba yakwa

## PASCOE!

Impahla zitu ezintsha zifikile

I Tyali zika Ma—nezika Totosi, nezika Dade, ziyalala, azivuki.

Ityali zaba Ntwenyana (Uyaqonda kodwa ?)

I tyali ezi lufipa-zilala " too."

Ezokutshata ingubo, nokuba ufuna iyadi, nokuba ufuna zisikelwe kuwe.

I Printi—Ikeleko—Ilinzi — Amalapu ehempe—Izitofu (ziyi micako)—Iqiya ze keshemiya—Yonke, impahla itshipu ngoku ngum' mangaliso.

Ezamanene ingubo esezi tungiwe.

Ibatyi ne Bhulukwe ze kodi " ebanzi."

Amanene ayazisikelwa azitungelwe ezawo ingubo ngumtungi.

Siyazi dudela zonke ivenkile zalapa ngempahla zitu.

Inkumba yakwa PASCOE,

Ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi.

Paulani, niqonde kakuhle, ningayiposi—

Amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI.

ABAFAZI bati ngu SILINDI.

UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

E QONCE



## CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayi-tengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE

RINI


Ofuna Ukwanana amatokazi Egusha.

UFUNA ukwananisa agamatokazi amashumi amatandatu Amatokazi Egusha, amanye ngamitiyo ngehamile.

T. W. BRAGG.

Weza, Willowvale, 4th July, 1887.

## QONDANI!

*Umnikelo wamaphekepheke wo 1887-88.*

UMZI ontsundu omele umandla wase Qonce uyatyelwa ukuba

Irafu Yamaphekepheke

yonyaka oqala ngo 1 JULY, 1887, opela ngo 30 JUNE, 1888, iyakuqala ukwamkelwa ngo 1 JULY, 1887.

Umteto ubavumele abantu ukuba bahlaule ngokutanda kwabo de kube ngumhlawa 29 SEPTEMBER, 1887. Abayihlaule ngapambi ko 29 September bamelwe Lishumi Lesheleni ngendlu. Kwakona ngalo eloxesha abalunge e Xesi mabahlaule ku Mr. KING, abalunge ku Qoboqobo ka Mr. VERITY, abalunge e Tamara ku Mr. DICK.

Emva ko 29 September eyakuba ingahla-ulwanga iyaka nikelwa ku MAGQWETA ukuba ayibute. Ayakati ke ubani oyakuba engabhatalanga de kwayileyomini amelwe kuhlaula Ishumi elo lesheleni, selinetole elizisheleni ezimbini, kwanendleko yama. gqweta ngendlu nganye. Impahla iyakutinjwa itengiswe. Yonke ke lonto iyakadala indleko.

Akunguwo umnqweno ka Rulumeni uku. timba impahla yabantu, mhlaimbi ukuba nyanzela ukuba babhatale imali engapezu kweshumi lesheleni ngendlu. Kodwa ukuba abantu abavumi ukuyihlaula IMALI YAMAPHEKEPHEKE ise lixesha, ukuba bayadukisa, akuko nto yimbi enokwenziwa ngapandle kokuba ibizwe ngokugadalala.

Ndinga ke abantu bangabonisa ukuba banayo intelekelelo, nokuba kulilungelo labo ukuba baliblaule Ishumi Lesheleni ngendlu ngapambi kosuka lwa 29 September, endaweni yokaba bamelwe kuhlaule ne yesohlwayo kwanendleko yamagqweta; itinjwe impahla yabo itengiswe ngento engeyakolonto kuba besuke bakunyabela ukuhlaula ngapambi ko 29 September.

Landelani icebo elilungijeyo xa nilinikwe ise lixesha.

W. B. CHALMERS, ,

Umantyi.

Civil Commissioner's Office,

King Williamstown, 1 June, 1887.

## ISAZISO ESIKULU.

—o—

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela izi tampo nokuba yi mali ehamba ngepepa 1-posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, ngapaandle ko *Mpilisi enene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,

Igcisa Lemiciza.

The Laboratory, Fort Beaufort,

## Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi saziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.

5 August, 1886.

## Isaziso se Gqweta.

UMAKISI, elinye u GQADUSHE awabantu abantsandu, elise Ngesi MAX KAYSER uyazisa ukuba uquba umsebenzi wokubuta amatyala, izikweliti zentlobo zonke. Umela namatyala ezi ofisini ze mantyi apo afunwe kona. Unesiqiniselo sake sakwa Rulumente se 1874 (General Commission and Enrolled Agent, Collector of Debts, and Practitioner in Magistrates' Courts), I Ofisi yake ise Mbula kwa Mr' ARNOLT. Umrumo wale misebenzi utabata ne mpahla (Stock) ngexabiso layo lase ma-likeni nxa imali ingeko.

MAX KAYSER, Enrolled Agent.

Mbulu, 14 May, 1887.


## GIE BROTHERS,

Abatengi naba Tengisi bento Yonke.

KUPELA kwesi Tora saba Ntsundu ngenene kale Dolopu yaae TARKASTAD.

Zonke intlobo zezinto ezivelisswa yi ntse- benzo yeli lixwe zitengwa ngamaxabiso pezulu kanye.

# UYAFA NA?

CELA AMAYEZA E GQIRA

## LASE GCUWA

Pesheya kwe Nciba.

(1) AWOKOHLOKOHLO
ISHELENI NGEBOTILE.

(2) AWOXAXAZO
ISHELENI NGEBOTILE.

(3) AWESISU
ISHELENI NGESIQUNYANA.

(4) AMAFUTA EZILONDA
ISHELENI NGEBOKIS.

(5) ELEZILO
ISHELENI NGEBOTILE.

(6) ELAMEHLO
ISHELENI NGEBOTILE.

(7) IMIGUBO YEGAZI
ISIKISIPENI NGESIQUNYANA
(3)

IYEZA ELINAMANDLA
LOXAXAZO
ISIKISIPENI NGESIQUNYANA.

Funda Kakuhle Yonke Into
Le Ncwadi Elufundisa yona.

Amagosa e Gcuwa ngo

## BAKER, BAKER & CO.

## M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,
*E-Bhulorweni nase Durban Street.*

Ngoku bazilungise'ele ukarola awona maxabiso makulu
*Ngoboya, Nezikumba Zenkomo, Nezebhokwe, Nezegusha.*

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kuledolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

## KWA BEET.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Ibisisulu ! Isisiaulu ! © Qonce ukangele emarkeni. Kufike into eninzi yonoxesha bengubo zamadoda.


### QONDANI.

UMISS STURROCK ucela bonke abantu abangaba unamatyala kubo ukuba bazitumele incwadana zokumkumbuza malunga nomhla wa 30 ku September. Kwanabo bonke abanamatyala kwi Simnari ye Ntombi ezi Ntsundu ese Peelton bacelwa ukuba bawahlaule onke lawo matyala kwamalunga nalowomhla wa 30 ku September ; ukuba abayenzanga lonto sebeya kunikelwa ezandleni zombuti emva kolosuku.

Shaftesbury Home and School,
Peelton, 4 August 1887.

### Kufunwa.

INDODA ekwaziyo uku Bhexesha noku Tolika. Abe ngumntu olikolwa.

Bhalela ku REV. T. E. MARSH Etembeni.

Umzimkulu.
Griqualand East.

### Kubabhaleli.

Jonathan Tunyiswa c/o Rev. G Chapman, Lesseyton, Queen's Town.

### Ofuna Abazali Bake.

INKWENKWANA egama lingu YEKWANA ka MGOQI ka MAQULA, unina ngu VIMBASHE, intombi ka MPONZO; walahleka etyelele kwa yisekazi ogama lingu ROJI, wase Marudulwini, omnye uyisekazi ngu DODO. Bonisani zihlobo, akaliqondi kamandi ikaya lake umlambo elikuwo. Isibonda uti ngu Sandile, kambe ndim olapo e Hackney e Mta, e Hewu, kwa Xayimpi Kakaza, inkosi ya Mabhele.

THOS. Z. MATUMBU.


## W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e.Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amazabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.*

Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

## W. J. DEALY

UTENGA Umbona, na Mazimba. Nokuba kuninzi ngalupina uhlobo okokutya uya kuku rolela ixabiso elipezulu kanye lase Markeni, e-Qonce.


## ISAZISO
### Se Tea Meeting

ENKULU kwa GEORGE C. BULUBE kuya kubako i Tea Meeting yokuvulwa kwendlu eyi Coffee Shop. Onke amanene namanenekazi ayacelwa ukuba abeko ngalomini ye 30th September 1887- Uromo ngulo 1st Class 2/. 2nd Class 1/6, 3rd Class 1/. 4th Class 9d, 5th Class 6d. Ziyakubako zonke izidlo, nokudlala, nokudanisa.

GEORGE C. BULUBE.

Embulu.

## ISAZISO
### Se Coffee Shop.

KUBAHAMBI (Strangers and Travellers) nako ndimangele (Plantiffs and Dependants), nakumagqweta (Agents), kuyaziswa ukuba kuko indlu Embulu, entla kwe ofisi ye Resident Magistrate endulini apo bangafumana kona izixhaso, nokupumla ngokulula (cheap) kuhleli negqweta kona u Gqadushe (Mak. Kayser).

## BONISANI.

IHASHE elingwevu elimdaka, eliminyaka isibhozo, linomtshiso enyongeni igama S.D. Lilahleka e Qutsa, Mbulu District. Olifumeneyo uyakufumana intlaulo elungileyo ; woti ke olifumeneyo wobhalela *Emveni* azise kona.

ISAAC DLAMBULO.

## EHLOBO.

KULAHLEKE nge 14 August 1887 impemvu ebugwevu ebubomvu, entungo imhlope yasekohlo yomlenze, enequtyana emhlana lokulunywa ngamanye, linopawana kwindlebeyokunene kutiwe cupe ngapantsi, linomkaba, lazalwa pakati August no Sept. 1886. Ote walifumana uyakuvuzwa kuhle, makabhalele ku JOHN F. MAZAMISA, e Hlobo, Fingoland or Idutywa.

18 August 1887.

## ISAZISO.

SICELA amehlo omzi ontsundu, ukuba usilandise umkondo womfo ogama lingu SIQWEPU limbi ngu TOM, owabaleka nomfazi wenye indoda egama lingu DYAMFULA, igama lomfazi ngu NOMAVUSO, unabantwana ababini bendoda yake, abobantu ngabase Cumngce Emampond weni. Osilandisileyo somvuza, angabhalela ku Rev. J. W. Househam, Buntingville, Emtata.

S. N. MALIMBA. 15 August 1887.

## BONISANI?

KULAHLEKE Emgwali (Clarkebury) ngomhla wesibini ku August amahashe amane ka Mr. Richard S. Posa. Emi ngoluhlobo :—1. Inkabi ebomvu buntsundu, inekolo, linesikeyi, ekunene linefusi emhlana lesilonda, nezazinge emihlatini kumacala omabini.—2. Inkabi ebomvu bugwangqa ine sikeyi nenkonjane kundlebe yenene, inezazinge kumacala omabini entanyeni, itshoba linamadolo, linamendu.—3. Inkabi egwangqa ende enomtshiso ongu S.—4. Iponi ebomvu, kuxa ipuma amabamba, inocokwe esinqeni. Owabonileyo wovuzwa ngokufanelekileyo. Owabonileyo uyacelwa ukuze azise Umhleli we *Mvo,* nokuba ngu

WM. B. JOJOZI.

Clarkebury, Tembuland

## Iveki.

UCINGO olufike namhla luvela e London luti amanene atile ase Ngilane abeye izolo kwipakati le Nkosazana, ukuya kuti Jize lingasibeki isincamatiselo so Mntan' Omhle, ku Tung' Umlomo, ukuba kufumaneke kuyi- nyaniso ukuba Abantsundu beli bayatungwa imilomo embusweni. Ulaulo Iwe Nkosazana lutumele kwi Ruluneli e Kapa ukuba itume- le ingxelo ezeleyo ngokutungwa imilomo kwabantsundu.

IMVULA ine kakulu kweli lizwe ngolwesi- 'Ne nolwesi-Hlanu nango-Mgqibelo weveki egqitileyo yabakaulela abalimi. Ike yayeka nge-Cawa kwasa isina izolo elinye. Kweli- pezulu zimhlope intaba likepu.

U RULUMENTE wase Portugal uyalinqabisa ngokulaka icweba le Delagoa Bay kuba kuko usebelele lokungati ama Bhulu ase Transvaal alingxamele ngokuba nawo efuna ukuba abe nendawo eyeyawo akupa kuyo impabla ezinqanaweni ezivela pesheya nje ngezinye intlanga ezimhlope ezikweli lizwe lase Afrika.

U MR. HENRY VARLEY, Umvangeli wehle- lo lase Baptist (Abapehleleli,) owaka wafika e Kapa nase Bhayi nase Rini nya. kenye eshumayela kuzo zonke iramente, waza akabi nantlabiso kweli lizwe ngokusuke achaswe, ute akufika e Ngilane wanikwa amawaka amahlanu eponti (£5,000) sisikulu esitile sati makahambe elishumayela IHzwi aqale e Indiya kude kube Be Tshayina nase ziqitini zase Australia.

KUKO umfo ontsundu obulewe yi nqwelo e Tinara.

LAWA madoda mabini aye gwetyelwe ukuxhonywa e Mtata ngokubulala ngo April atyobozile entolongweni ngobusuku bolwesi- 'Ne olugqitileyo. Abe nokuwa kulula ama- tyatanga ase milenzeni, aza intsimbi ezimi- swe efestileni azinqika ngama planka abe wandlala. Ipolisa ebeli varasha ngapandle lotuswe sitonga sokuwa kwawo xa atsibayo, kwaye kumnyama isina. Ute rawu umbane wabona yanye wadubula akayifumana, emka. Kuse ifikiswa ngama Mpondo enye ngokusuke ingene apo yaziwayo ukuba iiibanjvVa, enye akuvakali mkondo wayo.

ABAFUYI begusha bakala bonke ngokuxu- bahala kwazo, kubonakala isizatu ikukukau. leza kobusika.

KUKANKANYWA U Mr. Sivewright obeke engu Mongameli we Ngcingo zale Koloni ukuba uyakuba pakati kwamadoda ayakucelwa ukuba anyulelwe ukumela elase Mbo e Palamente. Ungowehlelo iakwa Sprigg.

LE bhola ikatywayo xa idlalwayo iyawagqiba ukuwapula amagxalaba Amangesi. Kusand' ukwapuka elase Tinara kwakufupi kwelinye ebelisagula.

I BLUE BOOK zakomkulu ezicwangcisa impato yela Bahlambeli ziti ayinasiseko inteto ekumangelwe ngayo ku Rulu- mente we Nkosazana libandla lama We- sile engeniswe ngu Rev. Owen Watkins, inteto yokuba amankazana antsundu yinto ekufeketwa ngayo nga Mangesi kweliya zwe, nokuba imitombo yebhulandi ivulwe yonke kwelozwe ukuba asele umntu ontsu- ndu.

KWIPEPA lakomkulu i *Government Gazette* kuko incwadi evela ku Rulumente wase Indiya ngemvumelano ayenze noweli lizwe ukuba amtengisele amahashi omkosi aliwa- ka linamakulu asixenxe anamashumi ama- hlanu.

E VICTORIA WEST ngase Nyati efameni ka Mr. Hugo kubonwe sekumpompoza amanzi emngxunyeni we hodi kwindawo ebi- ngacingelwa nento ukuba ingade ibe nama- nzi. Kubonakala ukuba lite ihodi ngoku- bhekisa ezantsi ukumba laya kufika kwindawo enamanzi.

NGOLWESI-HLANU Iweveki engapaya kwedluleyo amapolisa amabini ebedada kulama- qula amanzi abilayo ase Alvani, suka lati elingu Wilkinson xa limalunga nalendawo iyaluzelayo labizeleka ezantsi kwapela. Ku- be ngafakwa zinto zokusinyula isidumbu akwanceda nto, kwangadutyulwa akwanceda nto, kwati sekubuncanywa sabonwa nge Cawa kusasa ngu Mr. Luck sivelile wasi- nyula, sesizele ngamanxeba, ekutiwa aba- ngwe kudutyulwa. Bati abamaziyo ubeke abe nesatutwane, emasibe simhle esadada.

UMFUNDISI wama Bhulu ase Smithfield u Rev. Mr. Niekeik ubhubhile.

UTYANI mabungayekwa bukule bude bube ngamadobo pakati kwamakaya. Ngeveki engapaya kwe gqitileyo intwazana ka Mr. Krause, e Glen Grey iviwe seyi nqangaza ika- la kakulu pandle, waya ebaleka unina wafika ingca isitsha, nomntana sele gutyungelwe lilangatye wamti hlasi waya kumfaka emanzini seletshe waqala entloko waya kuma ngozwa ne isilonda sisinye, kwasa eqauka. Nonina zatsha buxu ingalo, ngoku ufunzwa ngoko- sana xa atyayo.

IMPAHLA ekwi zikiti zesi Siqingata iya kutengiswa kwesise Xesi ngo 20 September igwangqakazi le hashe elinqanyulwe isingci netshoba, kwesise Zeleni ngo 29 September, ugxwal' intloko omfusa odumbe umlenze, nogxwal' intloko ogwangqa ompemvu, omane amhlope amanqina.

KUBIWE igolide exabisolizi ponti ezingama waka amane ebivela kwele Golide isiza e Dayimani nenqwelo yendlebende; ibiwa ilalise e Pretoria. Kusa banjwe umlu- ngu wamnye ngokuranelwu.

U MR. ESCOMBE wase Natal ugqwesiwe ngu Mr. Van Rooyen bebebambene ngoku ngena e Palamenteni yelozwe u Mr. Escombe ngoweli qela liti i Natal mayizipatele ngo- kwayo imicimbi yayo njengale Koloni, u Mr. Van Rooyen ngowe qela elichase lonto elanelisiweyo kupatwa yi Nkosazana ngenqu.

ITYALA lika Jameson no Irvine elabhena e Rini lipakati kwezibheno zendawo ngenda. wo eziya kungena kwe Nkulu Inkundla ye Jaji e Kapa ngomhla wokuqala ku September.

UMANZ'ABOMVU akakapeli e Tyolomnqa.

U SIR THOS. UPINGTON uyafa ungenwe yingqele.

IDE yapela i Palamente engeko u Mr. J. G. Wood omnye wabemele i Rini, emke nga- pandle kwemvumelo, isihlalo sake ke simpu. lukile, kuza kubehle kunynlwe omnye.

KWELILIZWE lase South Afrika akuko ndlu inkulu ngangale yakelwa Umboniso e Rini.

NGOKUBEKISELELE kumrumo we *Mvo,* ude avakale esiti omnye umhlobo, " Akuko nto imbi njengokuti abantu bezinqwenelele ugokwabo ukungena pantsi kwedyokwe ye *Mvo,* ize kuti kwakutiwa, "Trek," (kuti kanti kwalapa kuko amakwangi, namakwa- ngi ingalawa akudala bekusakutiwa ngo Befil) isuke inxenye idal' " urat om roy " ika- ngele enqweleni bube bubushwaqeshwaqe nezikeyi. Utsho ati ke umhlobo wetu, yinto elusizi ukuti kwapakati kwalo makwangi kubeko amanene ebesiwatembile, asel' esuke adal' imihlana goso azenza i remskoon ukuba inqwelo ihambe nzima. Simtelela ngeliti umhlobo wetu, " Madoda msani ukudala ubusi bamakwenkwe, lotshona ipepa."

IMALI eyarolwa entlanganisweni yokuqala yase Kaladokwe ngomcimbi wokubhenela e Ngilani kwaposiswa ekushicilelweni nkuti zisheleni ezintlanu, zilishumi elinantlanu.

U MR. F. E. C. BELL obisisandla senkulu yemantyi ezipetwe e Kokstad limiselwe ukuba yi Mantyi yakwa Centane, u Mr. Rein obe yi Mantyi ebambe kodwa utabate indawo ya- lowo e Kokstad.

UDLIWE iponti yi Mantyi yase Alvani u O'Callagham watetiswa kakulu ngokusongela ukudubula nge pistoli untamnani ontsu- ndu.

U MRS J. J. IRVINE, umhlolokazi ka Alu- veni, use Rini uya e Ngilani nabantwana abatatu apo ayakuke ahlale kona iminyaka emitatu nemine.

PAKATI ko Mtata no Mzimvubu kwesika Nqwiliso inkanti zisibhozo.

NGOLWESI-HLANU oludluleyo u Joseph Mekeni walapa e Qonee ohlala ngakwa Fisa ubesiwe ematyaleni ngokutengi a ngotywala bama Xhosa etengiselwa ngu B. Payi. Ute kwinkosi yamadindala wenza imali yokubhatala indlu ahlala kuyo, nakuba bungagenisi apa njengase Monti. Udliwe ishumi lina- ntlanu leponti, ukuba akanalo ahlale inya- nga ezintatu entolongweni. Eso sigwebo sisasiwe ezi Jajini e Rini ukuba zisikangelo ukuba sifanelekile na.

IMIPU eyayibiwe endlwini yamatyala yase Mount Frere kwa Bhaca ifaniswe ema Mpondweni.

ENTLANGANISWENI yama Fama ase Mtonjeni (Kei Road) ngo.Mgqibelo ongapaya kogqitileyo u Cabhela (Mr. Landrv) unge- nise isiroro sokukalazela i Jaji ukungalo- hlwayi ngokwaneleyo i Lawu elalinikwe imi. nyaka emitatu entolongweni na 36 emivu. mbo ngokudlwengula umlungukazi; ute uku- ba lontombazana yayi yeyake ngawalidubu- layo elo Lawu.

IMALI ekutshwe yi Palamente ukuba ku- lungiswe ngayo indlela zapesheya kwe Nciba zonke £3,000 ; esuka e Mpetu nase Mooi Plaats ngase Qumra iyekungena kwe nkulu ebulorweni ye Nciba £450; esuka e Ndenxa iye e Sinuku, ukusuka apo iye edo- lopini yase Mzimvubu £1,800 ; ecanda ema Mpondweni iye e Kokstad £8,000.

INENE lase Ngilani u Lord Vernon nenkosikazi yake u Lady Vernon bafike e Rini ngolwesi-Hlanu olugqileyo, uhanjiswa yimpilo embi.

INKOLISO yenkanti zase Barberton zivaliwe ngenxa yokunga xhaswa ngaba nxili, imali inqabile bayeke budulu utywala. Zinanina zakupeliswa ngoluhlobo ezeli.

KUKO ityala elisand' ukugwetywa yi Mantyi yase Dikeni u Major Boyes, bekuba- mbene umlungu nenkazana entsundu ngesi kweliti esasenziwe ngunyana wayo apo ku- mlungu wabambisa ngenkomo zikanina, ka- nti ezinkomo unina ubambise ngazo kwe- lake ityala. Site isigwebo ngesiko labantu abamnyama umfazi akayonto " yinkunkuma" engenakuba nazinkomo, zagwetywe- Iwe umlungu inkomo.

INENE elidala liti xa umntu otshileyo wakumtambisa ngalento imhlope ipakati eqa- ndeni uyakupola kamsinya.

INDODA emhlope engu Castle umlungisi we piyane ubanjwe e Bhofolo ngoku upambi kwamatyala ase Kobonqaba ngokutenga ihashe ngobumenemene.

NGO-MVULO ongapaya kogqitileyo u John Walsh wase Tinara ube vela kungqawa wadibana namadoda amabini antsundu asuka avula isituba ukuba agqite pskati kwawo weva enye seyisiti Beta !' asuka ahlangana ngaye ancaza, walandula. Yame yama ka- kulu enye indoda wayidubula emlenzeni eyesibini yamambatisa ngentonga emagxeni wahlanganisa ngompu yapuka intonga waselebaleka etshona eludadeni kulendlela ivela e Rafa emshiya uwabo encwina endleleni li- nxeba. Kuyiwe kusasa ngama polisa akabonwa, nangoka abakaziwa ukuba babe ngabantu bapina.

AMAMFENGU amele Itole kwesika Siyoyo ema Mpondweni uti u Nkosi Mqikela makasuswe kume kulondawo u Mtshikitshwa umtshana ka Mqikela. Akayivumi lonto u Siyoyo kuba iyakumvalela ngapaya anga- binako ukumana edibana nama Rulumente.

KUKO Umzulu onengqakaqa e Mtata.

NGOLWESI NE Iweveki ezayo yi Timiti eyayibuyiswe umva ebutsheui balenyanga esikolweni sase Wesile.

INGXELO ye ntlanganiso yapesheya kwe Nciba asibanga nakuyifaka njengoko injalo ngenxa yobude. Sitabate indawo ezizi- ntloko zodwa saziyeka izi *pitshi.*

INKWENKWE ka Mpukare wase Ncemera eyalusa inkomo ze Jelimani ite xa izibaleki- sayo izigodusa ngemvula yolwesi-Ne olugqitileyo emva kwemiui yabetwa ngumbane. Kate sekumzuzu yabuya yavuka yaviwa ihlaba umkosi kanti ayiyiva into eyenzayo Iti ite yakuwa yabona umntu omnyama ku- nene emi pezu kwayo, ite yakuvuka yaba- nga bhekabheka ayambona.

KWIDOLOPU emi pezu kolwandlana olulicibi ekutiwa yi Zug e Switzerland kubonwe umhlaba ezimi pezu kwawo izindlu sewu lepuka utshono elwandle kunye namashumi amatandatu anezindlu ezisi xenxe. Ziti ingqondi imbangi yalento lute kanti ulwandle luyemba ngapantsi apa umzi sewucakatisile. Inkoliso yabantu isindile kuba ubehle wahlatywa umkosi ngabaqale bayibona lengozi ihlayo kwatshona abantu aba 61 kupela, pakati kwabo, mnye umzi ekutshone indoda nomfazi nosapo Iwabo.

## IMVO ZABANTSUNDU
### NGOLWESI-TATU AUGUST 24,1887.

Isibheno INGXELO esezibonakele kwelipepa zalata ukuba umzi wonke ontsundu uyawomela kweliti, " Sibhenela kwa Hintsa"—Inkosazana, ngendawo yokutungwa imilomo. Xa utshoyo asikukuba uqinisekile ukuba uyakugwetyelwa. Uti ibango lawo lihle, njengoko libonakalayo ezincwadini osekwe kuzo lombuso. Ezoncwadi yi " Constitution Ordinance" nezo TODD ezichaza umbuso. Iziteti zelizonke zingakweletu icala. Lento sigwetyiweyo e Ka-pa kungenxa yenkani zentamo zeha-ngu zama Bhulu—amaninzi—anga-waziyo umbuso wase Mangesini.Asikupele ngapandle kwemfanelo esazinikwa ngu Mntan' Omhle. Ikwa lulaulo lo Mntan' Omhle olunokuti siyasivumela, mhlaimbi asisivumeli isenzo sama Bhulu ; ukuba sivunyelwe soziva izizatu, ze sibe nokubalisa nakwintsapo yetu xa selisibuza ukuba kwabanjenjenje kwasuka kwatinina. Kuba kaloku njengoko ate watsho u Mr. ZWEDALA kwintetoecukumisa intliziyo yakwa Ndlovukazi sizakufumane sibe yimpahla angenza akuthandayo umniniyo ngayo, singenambuzo kuba singaseko kwimfanelo zombuso. Masife, okunene, sife kodwa sisaziwa pesheya apo sifele kona. Abanye bati abahlobo abamhlope bakuchasile ukubhena, kungaba kunjalo kuba bona abatungiwe imilomo. Lento iwele tina. Xa singazami ngokwetu akuko unokusinceda.

### Utung Umlomo Pesheya Kwe Hdwe.

[IVELA KUM'BHALELI WETU.J

Gala, 14 Augst., 1887.

Intlanganiso yomhla we 10 August 1887, yaba Tembu apa, ecele u Mr. Duncan. F. Makohliso ukuba afunde ipepa lake elingo kutungwa imilomo yabantsundu, igqibe kwelokunyula le Komiti imagatna alandela ■ yo—M- Ngcwabi, John Mbane, M. Rengqa, a. Kalipa, John Hlazo, John Manzana, Jass Mfamana, no Duncan S. Makohliso.

Le Komiti igqibe kwelokuti ibhekise kwe- zinye indawo ngendlela esingahamba ngayo ngesibheno ukuze sivisane ngomcimbi lo.

Lentlanganisoo ibe yenkulu kunene.

### Utung' Umlomo e-Gqili.

[NGUMBHALELI WETU.]

Intlanganiso ebise Dulcie's Neke Herschel ngo 16th August 1837, ibe yonga- nyelwe ngu Mr. S. M. Mei, unobhala ingu S. P. GAWE, Umgcmi-ndyebo ingu Mr. Malifane. Intlanganiso ivulwe ngo mtandazo ngu Mr. Sofonia Mnyakwana. Amanene abeko abe Kumashumi amabini anesihlanu onke avumelana ngokuba kubhenelwe *kwi* Nkosazana. Into *eku-*

gqitywe ngayo kakulu ngumpako, eku- gqitywe kwelokuba kwaziswe inkoliso

yamanene abengeko entlanganisweni, zekwandul' ukurolwa amaqoshana ompa- ko. Amanene abeko abe moya mnye ngendlela yokuzama ukufuna umpako. Ezayo intlanganiso iya kuba se Benson- vale ngo 26th August 1887, ngokuhlwa.

### Ukuhamba Kwe Jaji.

IJaji iyakuteta amatyala kwezindawo nangalennhla ilandelayo iqala ngexa lesi- toba kusasa i—E Kaladokwe, ngo-Mgqi- belo 3rd Sept., 1887. Somerseti, ngolwesi- Bini 6th Sept. Nyara, ngolwesi-Ne 8th kept. Bhofolo, ngo-Mgqibelo 10 Sept. Qonce, ngolwesi-Bini 13 Sept. Monti
ngo Mvulo 19 Sept. Komani, ngolwesi-
Ne 22 Sept. Dodoloro, Ngolwesi-Bini 27
Sept. Alvani, ngolwe-Hlanu 30 Sept.
Bekesdolopu, ngolwesi Bini 4 Oct. 1887 Kolesberera, ngolwesi-Hlanu 7 Oct Rafu ngolwesi-Ne 13 Oct. Tinara, ngolwesi-
Bini 18 Oct.Bhayi, ngolwesi-Ne 20 Oct

# Umtandazo

WABA NTSUNDU

## Kwi Kumkanikazi.

Komhle Ukumkanikazi.

Lomtandazo utobekileyo, wabantubako abalulamileyo, Mntan' Omhle kunene abahlala kule Koloni yase Cape of Good Hope, uvakalisa ngentobeko :—

1. Ukuba Abatandazi bako Mntan' Om- hle ngabantu abawululameleyo umteto abangamakaya azolileyo ale Koloni. '
2. Okokuba kwati ngomhla we 15 ku March ngomnyaka we 1853 i Bhuno-a lo Mntan' Omhle labapa abemi bale Koloni ilungelo lombuso oqutywa nge Palame- nte, alenza nketo yantlanga, ngokomteto ekutiwa ngum Miselo Wombuso.
3. Umpunga nenzondelelo yento owa- wunikelwa yona lo Mteto uchazwa mhlo- pe Encwadini yo Mhlekazi u Duke of Newcastle owaye patele Umntan' Omhle amazwe ako ngeloxesha, yaye loncwadi itunyelwa kwi Ruluneli yalapa u Hon. G. Cathcart, ngomhla we 14 March 1853- Abatandazi bako ke balata ngentobeko enkulu kuyo Ioncwadi eyayisiti:

" Encwadini yam yomhla we 14 February ndakuxelela tikuba u Rulumente wo Mntan' Omhle selegqibe kwelokuba ayicebise lkumkanikazi, ukuba, ngokuce- tyiswa kwayo li Bhunga ivimisele imite- to engum-Miso wokwenza i Palamente ye Koloni yase Cape of Good Hope .

" Lemiteto ixoxwe futi-futi nangokufe- zekileyo onke amagunjana ayo, nawe wanelungelo elaneleyo lokuyigqala nga- ngokuba indawana ibenye ete pempe v hluka kwinto eyayi yivo mhlamnene xa ibixoxwa Yindlu Enkulu ye Palamente yilondawana kupela ebangela ukuba ku- funeka ichaziwe le miteto.

..... Ukubekela entloko, eyona ngu- qulo inkulu eyenziweyo, ikwisiqendu sesi bhozo. Ikutshiwe indawo yokuba umntu onelungelo levoti makabe ngonendlu exabiso linga £25. kwafakwa ukuti makebe ngonendlu exabiso linga £50 mhlai- mbi oyiqashe nge £10 ngomnyaka noku- ba uyedwa nokuba udibene nomnye nga- yo. Kulento kwalekwe Ilungiselelo labamkela imivuzo ukuba woba nofuma- na imali etile onelungelo. Kwesi sihlo- melo sesibini akanauchaso u Rulumente wo Mntan' Omhle; kodwa kona kwinto yemfanelo yokuba nelungelo lokuba ne- zwi e Palamente sibone ukuba makumi- swe kwaleya ndlela indala yavivunywe li Koloni ngemini zika Sir H. Smith yo- kuba umntu abe ngonexabiso eli £25 lendlu nomhlaba, asele nomnyaka ekuyo pambi kokuba afakwe encwa-

dini. Imbangi yokuba u Rulumente we Nkosazana agqibe ngoluhlobo wenzi- wa yinkolo yokuba akufanelekile ukuba abantsundu abanengqondo yokulisebe. nzisa eli lungelo bavalelwe ngapandle Nalento yokuba kubeko iqela elitile labantu elipangwa isabelo salo sokuzipendulela kwinto zempato yabo iyakudala uxinezelo Iwabantu abatile ngabaninzi."

" Ngumnqweno omkulu wo Rulumente we Nkosazana ukuba bonke abantu bayo abakwelipetwe e Kapa kungabiko mketo wabantu nabala, bamanywe ngebhanti enye yentobelo novelwano, sine nkolo ^^naxa bonke beya kuba namalunge- lo afanayo embusweni kodaleka eyona nto yoyisa zonke izinto enjengale ifu- nwayo." ,

Elinye ipakati lako Mntan' Omhle elingu Sir John Pakington lenjenje uku- bhala ngo *4* September 1852; " Ngati uku- tabata inani lendlu kupela, umhlaba akuwo umntu uyekwe. kuya kulahlela ngapandle into eninzi yabantu efanelwe lilungelo lombuso."

4. Abatandazi bako Mntan' Omhle ba- yayivelisa kanjako lenteto yesiqendu sesibhozo Emtetweni eti -wonke umntu oyindoda ongenazipaku emtetweni ezibalu- Iweyo kwakwesi siqendu, uyakuba ne- nafanelo yokonyula xa anendlu ndawo- nye nomhlaba mhlaimbi ngapandle kwa- wo exabiso lingamashumi amabini epo- nti aneponii ezintlanu.

5. Iminyaka seyi ngapezu kwamashu- mi amatatu bepakati kwala malungelo Abatandazi bako Mntan' Omhle.

6. Abatandazi bako Mntan' Omhle bane mihlaba kwindawo ngendawo zale Kolo- ni abasoloko bemi kuyo ngohlobo Iwa bantu abantsundu, imihlaba eyaziwayo mhlope kweli nahlale eyazi no Rulume- nte weli lizwe.

7. Ukulinganisela singati Ingqushwa lepiwa amaMfengu nguwe Mntan'Omhle, ngesandla sako u Sir Peregrine Maitland, ngomnyaka we 1845, kubulelwa Inkosi nabautu bolo Hlanga ukuncedisa imikosi yo Mntan' Omhle.

8. Abatandazi bako Mntan'Omhle aba- hleli ngantlalo yobunyamakazi pantsi kwe nkosi zabo no Rulumente, inkoliso ngabalimi, bemi nje ngabantu bonke behlala kwizindlu ezise mihlabeni yabo abayinikwa ngu Rulumente amaxesha ngama xesha.

9. Njengokuba aba Tandazi bako be- kolise ngokuba ngabalimi naba fuyi, abahlali zindlwini zili xabiso elingama shumi amabini aneponti ezintlanu, ngoko ke bakutshelwa ngapandle kwelungelo lokupendula embusweni kuba umhlaba ubemi kuwo awubalelwa ntweni njengo- kuba ube uqondwa ngapambili.

10. Ngale Palamente ye 1387 kwenziwe umteto ekutiwa ngowokwenza amalungi- selelo okubhalwa kwamagama abantu abanemfanelo embusweni, kukutshelwe pandle abangenamfanelo.

11. Lomteto sewuvunyiwe ngu Mhle- kazi i Ruluneli yale Koloni egameni lako Mntan' Omhle.

12. Abatandazi bako Mntan' Omhle balata kwisiqendu seshumi linesixenxe sawo lomteto esiti abemi umhlaba ngo.. buzwe abasokuba namfanelo embusweni we Palamente ukuba babhalwe njengaba voti.

13. Abatandazi bako Mntan' Omhle ba- velisa lendawo yokuba kute pezu kokwa- liwa okukulu nenchaso wenziwa noko lomteto, opanga abantu belilizwe lase Koloni imfanelo zombuso abebe soloko bepakati kwazo iminyaka emashumi ma- tatu.

14. Ukuba Umntan' Omhle uvumelene nale mvume ye Ruluneli koba kwenziwe ulwenzakaliso olukulu Iwemfanelo kuba Tandazi bako abatobekileyo.

15. Okokuba Umntan' Omhle uwuvu- mile lomteto ovunywe yi Ruluneli, abantu abantsundu abebesoloko benemfane-
lo yokuba babhalwe encwadini yabanyu-
li baya kukutshelwa ngapandle kanye kwamalungelo okunyula abameli.

16. Kanjako aba Tandazi bako Mntan'- Omhle bati lo Mteto uchasene ne Mi miso yo Mbuso kuba ubahlula imfanelo zabo abantu abemi ngokobuzwe ekubeni wona um Miso kwisi Qendu sesi Bozo ushwa- nkatela ndawonye nomhlaba omiweyo.

17. Abatandazi bako Mntan' Omhle baya zirola irafu beyisebenza nemihlaba abami kuyo; ngoko ke njengabantu be Nkosazana bane mfanelo yokuba babe naba meli e Palamenteni yale Koloni.

18. Okokuba Umntan'Omhle uwuvu- mile lo Mteto abameli abatetelela aba Tandazi bako baya kukutshwa e Palame- nte ngoko ke benzakale kakulu, kanjako barore aba Tandazi bako Mntan' Omhle.

19. Ukupangwa kwamalungelo eqela elitile labantu bo Mntan' Omhle kucha- sene nempato yolaulo asoloko epete ngalo Umntan' Mhle ilizwekazi lake elibanzi kunene ixesha elide lobukosi bake, baya- bongoza Abatandazi bako Mntan' Omhle ukuba Iwanga olo lulaulo lunjalo alunge- peli.

20. Ngokoke Abatandazi bako Mntan Omhle bawa ngedolo besiti makuhanjwe nge kondo lesiqendu samashu- mi asibhozo anantatu som- Miso, Umntan' Omhle awale lomteto angalifaki igama lake uluqinisekisa imvumeye Ru- luneli, kude kutike ixesha aboti abantu bale Koloni baluvakalise uluvo Iwabo ngalento xa kunyulwa kutsha abameli.

Njengaba bopelelekileyo emfanelweni aba Tandazi bako Mntan' Omhle baya kuba kusoloko beguqile.

# ABALIMI NA_BARWEBI.

E MARKENI. :

E QONCE (Angst. 20).

Ibhotolo, 9d to 2/11 ngeponti
lhabile, 2/9 ngekulu Itapile, 1/2 to 4/6 ngengxowa
Umbona, 2/3 to 2/6 ngekulu
Imbotyi, 2/7 to 2/10 ngekuln
Umgubo, 7/ to 7/3 ngekulu
Inkuni, 16/ to 27/ ngeflara

E R1NI (Augst. 20).

Irasi, 3/5 to 4/ ngengxowa
Ibabile, 2/6 to 4/9 ngekulu
Amazimba, 6/6 to 7/6 ngengxowa
Umbona, 8/6 to 9/ ngengxowa
Umgubo, 12/ to 16/ ngengxowa
Itapile, 4/6 to 6/ ngengxowa
Inkuni, 16/ to 31/ ngeflara

E KOMANI (Augst. 20)

Itapile, 3/6 to 5/ ngengxowa
Umgubo, 6/ ngekulu Ihabile, 4/3 to 4/6 ngekulu
Umbona, 5/ ngengxowa
Ibhotolo, 1/ to 2/3 ngeponti

## *ELIPEZULU NOTUNG' UMLOMO.*

INTLANGANISO KWA NDLO-
VUKAZI.

Ibe nkulu intlanganiso ebihlatyelwe kwa Ndlovukazi ngolwesi-Tatu, 17 August. Yaye ikolise ngamadoda amagama azukileyo kwelo napakati komzi wonke ontsundu—amanene abevela kwimixauka ngemixauka yaba Tembu abangeneno kwe Ndwe (Glen Grey), e Kama- stone nase Bhede. S'tsho kuba ebelapo amanene ango Messrs. T. Zwedala, P. Nzabe, M. Tabata, J. M. Pelem, Frans, Makasi, P. Makasi, namanye alunge e Glen Grey; laye 1 Komani nalo likolisile. Singabala sitina kuba o Rev. J. Goduka no Messrs. R. Nukuna, B. J. Gantsho,
M. Gxowa nabanye bebeko; i Kamastone lipendulelwe zidwangube zalo enzinje ngo Messrs. Goda Sishuba, K. Dondolo, J. Mgijima, Gert Sishuba nabanye. Lite i Bhede nakuba libe lisingete imicimbi etile epakati komzi labatumela bona o Messrs. P. Mfuniselwa no Sihlahla; waye
wona " umzi wabafana be nexego u Jubeju," umelwe ngokufanelekileyo ngainadodana ongawatandayo nawe mlesi, kwanexego elikwanjalo siteta o Messrs. J. W. Sondlo, Clement Matselo, Malotana, Menye, Charles Jubeju, nengwevu u Jubeju—masingabashiyi o
Messrs. Ncalo, Nohe, no Tunyiswa. Ewe umhlambi wakwa Ndlovukazi ote ukuyilungiselela nokuyikonza intlanganiso wafinca imixhelo yamadoda. Besati tina bakuya kubini kwingqungqutela za Batembu lento ibubele ikulomoya siwupefumlayo kwelo lipezulu, kuna namadoda esiwaziyo eyenye into kweli "siti tina bantu bafundileyo (ngabula nto ka Mpaki) lelise South,", bafike babe nto yimbi kwelipezulu—ububele. Amakosikazi ase Lesseyton nawo afaneIwe ngumbulelo obalulekileyo mayelana nokuququzelela izizwe ngalomini ingasakubehle ilityalwe siti. Beselijikile kakulu ilanga ukuqala kwentlanganiso ibe sendlwini yesi Kula ate umfundisi (Rev. G. Chapman) wayikupela intlanganiso ngenkululeko notakazelo iwento
ekungayo.

Ngamxhelo mnye u Mr. Goda Sishuba ucelelwe ukuba ongamele intlanganiso, ate akukova ukubulela imbeko ebonakalisiweyo, wabhekisa amazwi abukali kwintlanganiso. Uncome ubuhlobo be Ngesi ngakwizizwe ezintsundu ukuba lite lazinika inkululeko namalungelo. Ubonise ke ukuba akuko mntu uya
kubuya asifake isonka emlonyeui ukuba asizincedi ngokwetu. Watsho wati yena akoyikisi nto ngokubako kwake apo kwintlanganiso. Akazoyiki 'zituso ezinokuveliswa ngabapatele umbuso kweli, kwintlanganiso yokukangelisana ngento zombuso kungaliwa. Bona sebeza kubehle batshone emhlabeni, kuyi ndawo yabo ukuba batshonele udodana lugqibile ukuzivisisa into zombuso abapantsi kwawo ukuze babe nentlalo
entle kuwo. Ucele ke amadodana ukuba acacisele intlanganiso eyona nto ibadibanisileyo, kuba noko bayivayo nge M*vo* inteto yase Palamente akuna kufana nenteto yomlomo.

U MR. JAMES M. PELEM ute makuceIwe u Mr. Jabavu ukuba enze okufunwa ngu Mhlali ngapambile.

U MB. J. TENGO-JABAVU obeko entla- nganisweni ngesicelo esibalulekileyo se Komiti, wayekanjalo eko ngetuba lokutabata indaba, ute ngangenani abakoyo ngalo Abatembu — ngokubalulekileyo amanene anjengo Zwedala, no Pelem—ubengalindele ukuba angacelwa ukuba atete. Utsho wati into ebange ukuba ushukume kangaka umzi ontsundu, ku- kukutshwa kwawo kwimfanelo zombuso ukuba abantsundu bafumane babenje- namakwekwe nje pakati komzi, eku- ngalindelwe nto kuwo xa sukuba kucingwa ngento zomzi, into amele yona kukwenza into ayitunywayo. Imbangi yoku kukuba usuke umzi ontsundu wabonakalisa ukungati uyawutla.kana umbuso wase Mlungwini ekubeni ixesha eli lonke ubusojoko ungawuqondi. Isiqamo salomvisiso ute wangena ngokungati kunobom umzi ontsundu kwisango—lokuba ngumvoti (umnyuli)- angena ngalo wonke okangelelwe ebuntwini ngumbuso lowe Nkosazana. Wotuswe yilonto u Sir G Sprigg—kukupapama kwabantsundu ukupapamela ukungena kwimfanelo zokucetyiswa kwinto zombuso lo, ukuze angenise lomteto kutiwa ngowokuiunga iimlomo yabantsundu. Oku kucace mhlope kwinteto yelonene elawandlalela ngayo lomteto inhla wasingatwa yi Palamente. Labonisa ngalowomhla ukwanda kwabamnyama kwimfanelo zombuso kwimimandla yase Dikeni elihamba ne Ngqushwa e Qonce, e Monti (apa await abakavuki) e Komani, e Dodoloro, nase
Gqili, (e Vetberg). Watsho u Sir G. Sprigg esiti mabaponongwe abantsundu bangabinamandla. Yaye indawo ekujongwe kuyo ikukuba amanene akoyo ngoku kw'inkundla epete isiko, asibuze. layo, avalelwe ngapandle, kuba kaloku abetunvelwe zivoti zetu kona. Lomanene afaneleke ngokungapikwayo. Ngawo iziteti nengqondi zalonkundla iyi Palamente. O Mr. Sauer, Mr. Innes, Mr. Solomon, Mr. Frost, nabanye banyulwe ngabo. Kukuba kuza kwenziwa ntonina lento kuqalwa ngokukutshwa kwamanene abengaba buzeli betu ? Ikona inkundla eyaka yafumana yazigxota iziteti zayo kungekonto zidinise ngayo ? Yiyo lonto ebange yena oyikele izinto angaba azakuzenza Amabhulu lento aqala ngokulahlela ngapandle abatunywa babantsu n d u. Ukuze akufeze ke akungxameleyo u Sir G. Sprigg ubone ukuba angasigqiba kwindawo ezimbini. Kuqala ute amagama abantu abane mfanelo embusweni mawangeniswe zi Felkornet (abahloli-zikade), bangenise balahle ngokubcna kwabo. Ufe apo ke umzi ontsundu. Kwindawo yesibini imfanelo zokungeniswa kwilungelo lombuso zanikelwa kweli yinkundla ye Nkosazana ese Ngilane ngesiqu,yamisela ke ukuba ontsundu naye ma- kabe netuba lokuba pakati kwimfanelo zombuso—yaye inkundla yase Kapa inga-vumanga kwamhla-mnene. Eye Nkosa- zana inkundla imisele ukuba umntu onendlu exabiso lifikileyo kumashumi amabini anesihlanu unelungelo lokucetyiswa kwinto zombuso; yabuya yaq'onda lonkundla ukuba kutiwe-ga ngalondawo izizwe ezintsundu ziyakuba nga-majacu angapandle kombuso, yaleka ke into yokuba olima umhlaba makubandakanywe nawo ukwanezisela indlu. Ni- ngaposisi. Inkundla ye Nkosazana ayikankanyi nento le ngokuba netaitile nokungabi nayo. Leminyaka imashumi matatu simi ngalomabala embusweni.
Namhla inkundla ese Kapa iyayapula lendawo yokuba tina bamnyama siwubandakanye umhlaba. Iti asinguwo owetu.

Ngoka banina? Siwubile na? Nantso ke indawo ebungozi, ote ke umzi ose Bhayi, kwaneminye engapantsi, yati lento make siye kuyilaulelwa kuyo lonkundla ye Nkosazana eyasinika imfanelo esinazo mhla-mnene. Site ke lento ma-
yizalise zonke indlebe zabantsundu ukuze kungafunyanwe kwenziwe into ongayaziyo. Ngati engaposisi ibizelwe ukukangela londawo lentlanganiso. Intlanganiso zangezantsi sezitumele kwinkundla ye Nkosazana ucingo, oluhamba pantsi kolwandle, ukwazisa ukuba umzi ontsundu uzilungiselela ukuya kulila ngelituba lokutungwa umlomo yinkundla ese Kapa kuleyo yase Ngilane inkulu. Utsho wahlala pantsi, kudunywa yintlanganiso.

U MR. PELEM ute emva kwenteto ka Mr. Jabavu akasakuyikataza ngenteto ende intlanganiso. Utsho wati umisa esisijungqe senteto ati intlanganiso ukuba igqibe kuso yoba ifezile:—" Lentlanganiso yabantsundu base Glen Grey nase Queen's Town iyavumelana nesigqibo sentlanganiso yase Bhayi nase Qonce, ngendawo yokuba kutunyelwe abatunywa kwanointandazo kwinkundla enkulu yase Ngilane yombuso lo sipantsi kwawo ngendawo yokutungwa kwabantsundu imilomo." Ute ukutungwa kwabantu imilomo kukugqiba yonke into. Kuteta ukuba into yonke inokwenziwa, sesingenatuba lokupendula. Izinja ezi zezetu, noko azinasabelo kwimfanelo zosapo. Bubukoboka ukutungwa imilomo. U Mr. De Wet akabanga nakwenza konke akutandayo e Glen Grey kuba wayesazi ukuba singabavoti. Xa sikutshiweyo kwincwadi yabanemfanelo embusweni, o Sir. Innes, no Mr.
Solomon, no Mr. Sauer abasakubuye babese Palamente ukuya kukangela imfanelo zetu. Ke lento iya kufuna imali. Akuko nto inokwenziwa ngapandle kwayo. Luhambo olude ngamanzi ukuya pesheya, iyakufuneka kakulu ke imali. Enye into emayingalityalwa kukuba lento ayisakuba mnandi kulaulo olu luse Kapa. Kodwa into olungena kuyenza kusinqanda. Ibango letu lihle ; masiwele. Nabanina nonetyala elihle akazanga aqiniseke ukuba kogwetyelwa yena. Masingoyikeli ukuba hlaze sigwetywe. Ukuba sigwetyiwe singaba silahlelwe ngapandle kwamalungelo ombuso, xa bakoyoke abatunywa bangase begungxukela kwindawo yokuba njengokuba tina zizwe zintsundu singazange sicetyiswe ngendawo yokuba siza kunikelwa kwinkundla yase Kapa, masesibuya sisamkeIwa yi Nkosazana, ke kunokuba sibe zinto zokufeketa kwinkundla ese Kapa. Asiakuyitwala into yokuba sipatwe ngumbuso esingenazwi kuwo. Masingene ke kulomcimbi ngentliziyo ezomeleleyo. Abahlobo abamhlope abanye abasakwaneliswa mhlaimbi kukuba sibhenele kwinkundla yapesheya. 'Ze ke singoyikiswa yilonto. Singababhatali berafu: umbhatali-rafu akanakuvalelwa ngapandle kwemfanelo zombuso. Sinokuya kwi Nkosazana. Ukuba Abatembu bayivumile lento boba benze eyona nto inkulu eyaka yenziwa ngabantsundu beli lizwe. Maze singafumane soyikiswe ngonoma-
nyamanyamana abaya kurolwa zimantyi abanjengaba barolelwa u Mr, Gontshi ngu Captain Blyth. U Capt. Blyth waye tuny we e Kapa ukuba oyikise. Xa i Chief Magistrate inokutunywa ukuba yenze izituso ezinjalo, kobeka pina kwezingezizo i chief. Ngokoke masibeke nxamnye ubupakupaku, sime ezimfanelweni. (Kwadunywa).

U MR. MAKASI usekele wati kakade into ezinjengezi zibe zilungele amadodana akanyiselweyo. Ngokupatelele kwezinto zimana ukwenziwa ngu Sir. Gordon Sprigg ngeselaxelelwa mhlope isiposo sake siti maxego. Ubulele Umhleli we Mvo kuba ezinikele umzimba nompefumlo ukumela bonke abantu bakowabo; wati bekusekuqelekile ukuba ati umfana okulele Emlungwini akungcamla iswe- kile abalahle abantu bakowabo emke nazo. (Kwadunywa).

Ingwevu u JUBEJU ute: Hai into emnandi ukulwa ngemilomo, kungeko bantu bafayo. Aniyi kubanjwa nisilwa ngokuteta. Lulweni ululo olulungileyo. Umntu oyakuhlala kulomzi akayi kuhlala ngokuya kwakudala. Yiqondeni lonto. Ukuteta akwenzi ngozi, kuyeyona ndlela esingalwa ngayo. Ningoyiki indleko. Eli la Batembu libanzi, angafanelana umntu erole intwana encinane ingazigqiba indleko. Andisakuteta; nditi kodwa lulweni ululo olulungileyo.

U MB. T. ZWEDALA ute ubengazele kuteta kodwa ukupulapula; ulindele izinto ezinkulu eziya kuveliswa yilentlanganiso. Ubehleli epongomile ngakubona emapepeni. Umntu nougekoyo apa umoyamnye. Abakolisekile yinto
eyenziwe yi Palamente. Siluhlanga : sibe sinombuso. Besinemiteto emiyo kwakudala: obulele omnye ubesazi ukuba uyakufa naye. Simi kwindawo esazinikwa ngu Tixo. Indawo esingayo liqinga lesikalo setu ukuba singatina ukuze sitike kwi Nkosazana. Simelwe kukuba sikangele umbuso esivulwa nguwo. Ke namhla umbuso usikupela ngapandle. Sikntshwa kumbuso esesikuwo singazanga sangapandle kwawo. Umnqweno wetu ubungowokufunda lombuso ukuba sikwazi ukuwubusa, nokuhlala. Iti Inkosazana sinamalungelo; namhla si- ngapandle kwawo umbuso ngapandle kwesizatu. Sinyule amadoda anengqondo kwaku Mangesi. Yinto enokwenzekana ukuba abantu bafumane bapatwe njengempahla efuyiweyo—into engenambuso ; eyenziwa into etandwa ngumniniyo. Ewe, masife, kodwa sife sisaziwa yi Nkosazana apo sife kona.

Emva kwamanqaku awenziwe ngo
Nqiningane no Siwa.

U MB. J. MGIJIMA uncome umoya omhle wombuso wase Ngilane owapelisa ubukoboka kwanempato emnandi abepetwe ngavo yilonkundla yela Mangesi. Ute site sakupatwa yinkundla yase Kapa kwangati kulungile ixeshana. Yaqala inkatazo ngokuhlutwa kwemipu, zatshi-
swa inkomo, kwako izisongelo zokuba sihlutwe abantwana baye kuqeshiswa ku Mabhulu imihlaba yetu yapangwa, namhla sikutshelwa ngapandle kombuso. Lixesha lokuba kesiye kuzibuzela kwi Nkosazana. , ,

U MR. J. W. SONDLO ute lentlanganiso ihlatyelwe ngu Ndlovukazi no. Komani uvuya kuba isatyelwe kamnandi njengokuba exela amanani abakoyo. Asiyiyo eyokuteta kodwa. Into ekukangelwe yona sisibheno, niyavumelana naso na nokuba anivumelani naso.

UMB. CHAS. JUBEJU: Masibhene nokuba kungazipina indlela.

U MR. GERT SISHUBA ubulele Undlovukazi ne Komani, ukuwubizela entlanganisweni umzi. Ubalise ngemigudu abebesebeyenza e Kamastone ngalo elituba, ede yayakupatelela e Oxkraal apo
bafumene ukuba sekubhalelwe pesheya.

Bate basidela eso senzo kuba umtandazo womzana omnye ungasakuba nasihlahla,mkufuneka into enye yomzi wonke. Ba-
mxhelo mnye ngesibheno, ngoko mabenze into enye.

U MR. SIHLAHLA. uncome umfo ka Sprigg ngenteto ehlekisa kunene, ate ukuba wayengeko ngebengenayo lentlanganiso. Into enokugqiba kuyo intlanganiso inye. Sinawo amadoda anokusalatisa indlela njengoko ibhaliweyo kwincwadi zombuso. Masiwatumele amadoda pesheya e Ngilane ahambe ngolwandle ukuba Abelungu abavumi nenqanawa ahambe nge- nyawo elwandle. (Kwahlekwa).

U REV. J. GODUKA ubuze ukuba siyakwazi ngantonina ukuba ayise isibekile isandla Inkosazana kulomteto, elixa tina silungiselela abatunywa?

U MR. TENGO-JABAVU ute selwatunyeIwa kwipakati le Nkosazana ucingo oluse zinzulwini zolwandle, ukwazisa ukuba umzi ontsundu usaya kuzililela kwinkundla ye Nkosazana ngetuba lokulahlelwa kwawo ngapandle kombuso. Olocingo Iwabuya Iwatunyelwa ku Mhlekazi i Ruluneli e Kapa, kuba singangi singawugaqela umzi ose Kapa. (Kwadunywa). Wona ulizibuko. Yonke into iyakucanda kona. (Kwadunywa). Namhla iveki zine Iwahambayo olocingo; akukabuyi mpendulo, emakube ke asichaswe nganto isibheno. Kodwa kumiselwe embusweni
ukuba Inkosazana inokuwuqetula naupina umteto we Palamente pakati kwesituba seminyaka omibini. Akuko bungxamo ke.

U MR. M. TABATA uncome umoya omhle nokuvisisana kwamadoda endawo ngendawo, wabhekisa umbulelo naku Mhleli we M*vo* ngomoya awubonakalisayo kwipepa alipeteyo ongacaluli luhlanga—engumhlobo wazo zonke.

Kutete no Mr. Dondolo, no Mr. Frans nabanye; yaza yamxhelo mnye intlanganiso kwelokuba kuyokulilwa kweye Nkosazana inkundla ngabatunywa nointandazo, oyakubhalwa ngabo bonke abantu abantsundu.

Intlanganiso engene ngexesha lesine yahlukene nge 7'30 ukuya edinaleni.

Ingene kwakona nge 11 ebusuku, ukucinga uhlobo lokufezwa kwengqibo, u Mr. Goda Sishuba esesihlalweni.

Ingxoxo ibe yende, kubanjenwe ngendawo yokufaneleka nokungafaneleki kwe komiti enkulu esigxina siyakuba kwa Komani. Abatembu bayichasile ikomiti enjalo, besiti sebenayo eyabo
intlanganiso abaya kusebenza ngayo. Kude kwagqitywa kwelokuba i Glen Grey, i Kamastone, ne Bhede, u Komani no Ndlovukazi—ibe yileyo indawo isebenze yodwa ekubuteni; ze kodwa imbisi sazo zonke zitiwe kwimvaba enye. Iha-mbiseke lengxoxo ada amadoda amaKulu anomsindo, abuza ukuba sekufuneka imali na, ukuba seyifuneka akoyiki nto angarola kwalapo.

Kunyulwe ababhali belo lingapezulu abaya kuvisisana kwanezinye indawo ezigqibe ekufakeni igxalaba kulomsebenzi, bagcine ingxelo yendawo ngendawo zelo labo. Ababhali abanyulweyo ngo Messrs. Richd. T. Nukuna no J. W. Sondlo. Umgcini-Ndyebo onyulelwe zonke ezelo lingapezulu ngu Mr. Thomas Zwedala. Intlanganiso igqitywe ngembulelo kumzi wakwa Ndlovukazi naku Mongameli ngokuyipata kwake kakuhle.

IPEPA lase Kapa i *Cape Times* liti kuvakala ukuba u Mr. VV. B. Chalmers Imantyi yalapa uzakunyuselwa ewongeni lokuba ngu Mpati Bantsundu ongapantsi e Kapa esikundleni sika Mr. James Rose-Innes C.M.G., opuma ngenxa yokwalupala. Lo Innes nguyise walamadodana azi'teti kwinkundla zelilizwe.

# Native Opinion

WEDNESDAY, AUGUST 24,1887.

Transkei Representation.

THAT the interest in The one-eyed representation of the two Transkeian divisions should centre more in Cape Town, and especially among Bond circles, than in the districts themselves —is a sign of the times. The Transkei is essentially a Native Territory, and with respect to it the cry " The Transkei for the Transkeians " would not by any means be a novel cry. But in such a way have matters been adroitly adjusted during the late session that those who ought by right to have a say in the representation of the Transkei have to stand by and play the role of on-lookers while the Bond man (the Free among even the whites are nowhere) dictates his terms Thus we read in our *Zuid Afrikaan* that Mr. CLOETE, Barrister at Law, and a Mr. G. K. JACKSON are to contest the two seats, and both, we are assured, will depend upon the votes of the Xalanga Boers. In connection with the Bond or ministerial candidates the name of Mr. SIVEWRIGHT, late Chief of the Telegraph Department, has also been mentioned as that of a likely candidate for East Griqualand, and it is further stated that Mr. DONALD STRACHAN is prepared to give way to him. Inasmuch as with Dutch Boers it is Bond first and country afterwards, any two of these gentlemen may be the elect of the two constituencies.

For country first and personal interest (if any) afterwards we have, for East Griqualand, the name of Mr. SICHEL who so worthily represented Albert in the last Parliament, and who was immolated on the altar of the Bond. Then for the Transkei Colonel GRIFFITH has, we understand, definitely made up his mind to stand. Mr. SICHEL is a gentleman of enlightened, definite, and progressive princ'ples, and his views are fair and satisfactory towards the " Blacks, Boers, and British." His humorous speeches never failed to mstruet while they ever interested the House. Having been a resident of Burghersdorp for many years he may be depended upon to have a full knowledge of the wants of East Griqualand; For these and other reasons we sincerely trust that the report that he is to stand is correct. Both Mr. SICHEL and Colonel GRIFFITH, the latter with his thorough knowledge of native character and Frontier wants, would be a decided acquisition to the Assembly. Until, however, the Registers for these districts are made, speculation as to who will or will not be returned is profitless. But if the temper of the European inhabitants of British descent is gathered from their respective organs at Kokstad and Umtata, they are likely to go in for men of liberal views towards all classes of the community as against those who are bound to vote a certain ticket; and if, as we think they will have the good sense to do so, they elect Mr. SICHEL and Colonel GRIFFITH as their candidates, they may count upon the few of our countrymen who remain on the Roll to turn the scales in favour of right. But the battle will be decided at the registration.

# Editorial Notes.

THE Natives of the East London Division are entitled to the best thanks of our countrymen for their wise decision to present Captain Brabant, M.L.A., C.M.G., with an address, thanking him
for the enduring services he rendered to the cause of justice and of the natives during the late Parliamentary Session. Natives are always charged by superficial observers with want of gratitude; and it is well that they should occasionally give the lie to this calumny, when sold and disinterested services have been given in their behalf. Overwhelming as have been the forces that invaded native rights last session, it is gratifying to remember that our people have staunch, friends among the most eminent poli- ticians in the Colony, and the sympathy of the great majority of the English people. As one of these politicians, then, Captain Brabant is to be than/ced by the East London Natives. We hope to give an account of the proceedings that are expected to ta&e place next Saturday at the gallant gentleman's residence.

As additional evidence to show that the inclusion of land in the making up of the £25 franchise was by design and not by accident, may be cited the following which occurs in a Despatch of the Right Hon. Sir John Pakington, the DuA-e df Newcastle's immediate predecessor in the Colonial Office, dated September 4, 1852. Writing to Governor Lieutenant General the Hon. G. Cathcart, Sir John Pakington observed: " It is extremely doubtlul whether the restriction of the
Franchise to the occupation of buildings of the value of £25 only, without taking into account land occupied therewith, may not create a very narrow and restricted right of voting." Hence the occupation of land was included in the eighth section of the Constitution Ordinance, but the native is carefully deprived of it in the Act of the late session. To this the attention of Her Majesty's Government will be called in the Petition of the natives to Her Majesty.

WE are gratified that the movement against the disfranchisement question is progressing satisfactorily among the natives. In addition to Pore Elizabeth and King Williamstown the Queenstown and Glen Grey natives have joined in it. So also have Herschel Fort Beaufort and Emigrant Tembuland. Peddie is making preparations to have a meeting. The natives feel that even if they may not succeed in getting the Secretary of State to refuse the Royal Assent to the
Disfranchising Act, still the duty of protest devolves upon them, and it is for them to discharge it.

## *THE LIQUOR AREAS.*

The following letter from the Hon. Th Premier to the tlev. E. Makiwane, relating to certain resolutions passed at the Peelton meeting of the Native Educational Association on the above subject will be read with interest by the natives:—

Treasury, Cape Town, 1 August 1887.

DEAR SIB,—I am desired by Sir Gordon Sprigg to thank you for your letter of the 15th July forwarding a copy of the minutes of a meeting of the Native Educational Associotion held at Peelton on the 12th ultimo, and in reply I am to say that the Resolutions therein contained will receive the full consideration of the Government.

I am, &c.,
CHARLES WILLIAMS,
Private Secretary.

# JOHN J. IRVINE & CO.,

## ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele beza Mankazana,

# E-QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-
Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6
Eze Twidi i Suti, 16/9
Ikeleko, 2 1/2d.
I Print! (intlobo ezintsha) 3d.
I Linzi, 3 1/2d.
Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

NANTSO INTO OBUKADE UYIFUNA.

BAHAMBI NO MZI WASE **QONCE**

UVULE

## IKAYA LABANTSUNDU,

DURBAN STREET, E-QONCE,

Entla kwe " Mvo Zabantsundu " ezantsi ko Ngomti opezulu.

IYINDAWO ENTLE YABANTU NAMAHASHE Kuni ke NTO ZAK'WETU

Nalipina **Iyeza** olifunayo ungalifumana kwa

## E. W. WELLS,

Umpitikezi Wamayeza ne Opteki,
Bathurst Street, E-Rini,
Ugcina **amayeza** amatsha nalungileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.
Eyona ide yancama ukulunga yi Wells' Quinine and Iron Tonic

Ixabiso 2/9 ngebotile.

GEORGE GIE,

I-rente yo Mhlaba .no Mteto noku Tengisa,

IZIKWELITI uzibuta ngoku kauleza, ini. kwe umniniyo kwa oko.

Onke amatyala aba ntsundu etetelwa ngemali encinane kakulu.

Uli Gosa le South British Fire Insurance Company of New Zealand.

Imisesane ye Golide yoku Tshata, 7/6 umnye.

J. RIMER, E Qouce.

Ingcibi ye Watsha nentaimbi zckuhomba.

KWA G. WHITAKER, kwi-venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo.

ELIKA

## ORSMOND

## IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

UMPILISIWEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezingcama Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwesisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka bengqondo, Izifo zesi Fuba, nent' enjinzi yezilwelwe zama Nkazana.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimani, ni Bhulu, nesi...

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele-namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge-ngqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge nlease Litshipu ibhotile zisheleni...

Lilnngiselelwa umninilo **kupela** ngu

G. E. COOK

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza.

THE

## "CAPE MERCURY."

Ipepa lesi Ngesi engelitatyatwa nga bantsundu abafundileyo.

*Lipuma kaiatu ngeveki apa e Qonce.*

Umrumo: 9/ ngenyanga ezintatu kwesi

## Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

# Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa
Nakwa-Ndabakazi
HEDENT .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southeyville). ___________________

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

## JOHN J. IRVINE &, CO.

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

## J. E. L. HULLING,

*ONYANGA NGEMITI YASEKOLONI*

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelele kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele—xa umntu ebehliwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.

Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/

Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/., enkulu 6/.

Oka Kulling umncedi onyaniso wezi lana zama nkazana, ...

Ila Mayeza emifuno ezifo zonke ...e Koloni ezi hleli zigciniwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlaumbi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza

# Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

# BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

# U BOYA

Zisheleni ezimbini ngeponti.

W. O. CARTER & CO.

Basanduluku fikelwa zezimpahla ngase zantsi apa :—

I-BLANKETE
Zabantu base sikolweni

I-BLANKETE
Zama xegokazi

I-BLANKETE
Zama xego kuba kaloku ezintlobo zombi-

I-BLANKETE
Zama dodana.

I-BLANKETE

I-BLANKETE
Zaba sebe zakutshata

I-BLANKETE
Zaba sanduku tshata, ukuqaula inteto singati i Blankete ziyalala ezifanele nabanina, ezifanele bonke zitengiswa tshipu kakulu. Kwenzelwa elixesha lobola kwa

W. O. CARTER & CO.

## E-QONCE.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iveza Lesisu Nokuxaxazo.

COOK Elika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka

COOK Elika lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Ezika Ipils. 1/ ngebokisana.

COOK Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK Oka Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka

Niqondise ukuba igama ngu

G E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake

J. G. NICHOLSON,

*Igqweta elise zincwadini zakomkulu nomteteleli wama Fandesi,*

E-NGQUSHWA.

Ulungisa mafa. Uguqula amagama e Tayitile. Uquka izi kweliti zi Bhatalwe kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukaulezayo.

*U li Gosa le Colonial Mutual Life Assurance Society,*

HA.RTIGAN & CASEY,

Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ehambavo kanye ngenyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ehambayo nokuba yekabanina Ubani uyinikwa emva

YIYANI KWA

## C. A. JAY & CO.,

E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—
Izikonkwane—- Into Zokusebenza
Ixnela neFolokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi
Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo
Kukwako imisesane


Lishicilelelwa umninilo, u JOHN TENGO— JABAVU NGU HAY BROTHERS, Smith. Street, King William's Town